Isalathiso: 20190607-5593
Inombolo yefayili: 12/2/10/3
Imibuzo: M Wiese

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0005/2019

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi nakwiiNqununu zezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa eziqhelekileyo zikarhulumente kunye nezikolo ezizimeleyo

**Isihloko: ISaveyi ka-2019 yaQho ngoNyaka yezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa**

1. ISaveyi yaQho ngoNyaka ka-2019 yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) yezikolo zemfundo eenemfuno ezizodwa iya kuqhutywa **nge-05 Septemba 2019.** Kuya kufuneka iinqununu zikusayinele ukuchaneka kwedatha yabafundi neyootitshala kwi-*CEMIS*. Umhla osikiweyo kwiintloko zokunika inkxaso kubafundi ukusayinela iSaveyi yaQho ngoNyaka ngowe-**12 Septemba 2019**.

2. Phambi kokusayinelwa kwesaveyi kwi-*CEMIS*, inqununu okanye ummeli wayo makaqinisekise ukuba oku kulandelayo kuboniswe ngokuchanekileyo kwi-*CEMIS*.

2.1 Bonke abafundi ababhalisiweyo nabahamba isikolo ngo-2019, bafakwe kumabakala achanekileyo, kwiiklasi nakudidi lolwimi lokufunda nokufundisa (*language of learning and teaching*) (*LoLT*).

2.2 Kugqityiwe ukukhutshelwa kwabafundi (abamkelwayo nabakhutshwayo esikolweni).

2.3 Utshintsho ngokwamabakala lwenziwe lwagqitywa.

2.4 Zichanekile iinkcukacha ezingokukhubazeka kwabafundi.

3. Inqununu mayiqinisekise ukuba ilisti yootitshala ekwi-*CEMIS* ihlaziya iinkcukacha zayo kwaye ingqinisiswe kwangokunjalo neminyaka yamava, amabakala nezifundo ebezifundisa ngo-2019 (mazisuswe iinkcukacha zamabakala nezezifundo ebezifundisa kwiminyaka edlulileyo ukuba azifanele kubakho kumthwalo katitshala ka-2019).

4. Ukuncedisa ekungqinisisweni kwedatha yabafundi nootitshala, kukho iingxelo zeemposiso eziliqela ezifumanekayo ukucacisa ngedatha efakiweyo *(data*

*captured)* kwi-*CEMIS*. Makuqinisekiswe ukuba zonke iimposiso, njengoko zibonisiwe zezi ngxelo, zisonjululwa kwangaphambi kokusayinelwa kwazo.

5. Icandelo elisayinwayo lesaveyi malizaliswe njengenkqubo yokuvunywa kokungqinisiswa kwedatha njengelibonisa ngokuchanekileyo ubhaliso lwabafundi nenani lootitshala ngowe-**05 Septemba 2019**.

6. Izikolo ezikwizibhedlela kuya kufuneka zizalise ikopi eliphepha yesaveyi. Le saveyi iya kunikwa izikolo ngqo.

7. Emva kokusayinelwa kwayo isaveyi yinqununu ngowe-**05 Septemba 2019**, kuya kwenziwa i-*snapshot* sayo yonke idatha yabafundi nootitshala yaye iimposiso eziye zangalungiswa, mazilungiswe phambi kokusayinelwa kwayo ziintloko zokunika inkxaso kubafundi (*learner support heads*) ngowe-**12 Septemba 2019**.

8. Inqununu, njengegosa le-*EMIS* leziko, mayilawule iinkqubo zokufaka idatha ekhompyutheni ukuqinisekisa ukuba ubungqina bokuqinisekisa kunye neesignintsha zabasebenzi ekudluliselwe kubo amagunya okutshekisha idatha bunokunikwa xa bucelwa ngababaphicothi-zincwadi. Mayirekhodwe inkqubo yomsebenzi wokufaka idatha ye-*EMIS* ukuqinisekisa ukuphendula malunga nokuchaneka kwedatha, njengoko iinkcukacha ezo kufuneka kwenziwe uphicotho-zincwadi kuzo. Kucelwa ufunde iNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso 0003/2012, yowe-10 Agasti 2012, ukufumana ingcaciso engaphezulu. Kukhunjuzwa iinqununu kwakhona ukuba ukususela ngo-2014, ukuchaneka kwedatha ye-*CEMIS* ngumqathango ophambili ekuya kuxhomekeka kuwo ukufumana kwezikolo intlawulo yesabelo-mali yesibini ngokwemimiselo nemiqathango yokuxhaswa ngemali (iSetyhula 0044/2013, yowe-29 Oktobha 2013).

9. Kunyanzelekile kusetyenziswe inombolo yesazisi kazwelonke (*ID*) ngabo bonke abafundi kuzo zonke iisistim zasekhompyutheni zezolawulo nokuphathwa kwezikolo. Ikho ingxelo ye-*CEMIS* efumanekayo ukuqaphela abafundi abangenazo iinombolo zesazisi nokulungiselela ukufakwa ekhompyutheni kweenombolo zezazisi ezingekhoyo. Ukuba umfundi akanayo inombolo yesazisi esemthethweni, MAYINGAFAKWA inombolo ye-*ID* engekhomthethweni. Kucelwa ukuba kucetyiswe abazali ngenkqubo yokwenza isicelo se-*ID* kwiSebe leMicimbi yaseKhaya (*Department of Home Affairs*) (*DHA*). Kucelwa iinqununu zibancedise abazali apho kunako ukwenzeka oko, ngokuququzelela inkqubo yase*DHA*.

10. Uphando lwakutshanje oluyi-*Education Data Quality Audit (EDQA* oluqhutywe kwiKota 2 ka-2018, lwaqaqambisa ukuba izikolo azigcini zirekhodi zichanekileyo. Ngako oko, iSebe iWCED liya kubeka esweni ukuthotyelwa kwale nkqubo nomgangatho wedatha yawo onke amaxwebhu angenisiweyo eSaveyi yaqho

ngoNyaka yaye liya kunika ingxelo nezenzo zokungathotyelwa kwayo, ukungangqinelani nokungapheleli kwedatha kwiNtloko yeSebe leMfundo.

11. Ziyakhunjuzwa izikolo ezizimeleyo ukuba mazibe nolwazi ngemiqathango yazo yobhaliso. Kucelwa uqaphele ukuba ukulandela mbo ezi mfuno zedatha zimiselweyo zeSebe i*WCED* kuyinxenye yale miqathango, yaye ukungathotyelwa kwale nkqubo kunokukhokelela ekubeni umfundi akhutshwe ezincwadini zobhaliso *(deregistration*).

12. Ukuba kunokuvela naziphi na iingxaki ngokuzaliswa kwale saveyi, uyacelwa unxibelelane nentloko yokunika inkxaso kwisithili okanye negosa lesistim yengcaciso elichaphazelekayo apha ngezantsi:

**Iintloko zokunika inkxaso kubafundi:**

| ISITHILI | INTLOKO YOKUNIKA INKXASO KUBAFUNDI | INOMBOLO YEFONI. | I-IMEYILI |
|---|---|---|---|
| Metro North | Carola Petersen | 021 938 3063 | carola.petersen@westerncape.gov.za |
| Metro Central | Enver Hassen | 021 514 6919 | enver.hassen@westerncape.gov.za |
| Metro South | Guilot De Klerk | 021 370 2090 | guilot.deklerk@westerncape.gov.za |
| Metro East | Thembisa France (acting) | 021 900 7159 | thembisa.france@westerncape.gov.za |
| West Coast | Abraham Arendse | 021 860 1209 | abre.arendse@westerncape.gov.za |
| Cape Winelands | Sura Swart (acting) | 023 348 4660 | sura.swart@westerncape.gov.za |
| Overberg | Annelien Crous (acting) | 028 214 7399 | annelien.crous@westerncape.gov.za |
| Eden and Central Karoo | Roger Jacobs | 044 803 8351 | rojacobs@westerncape.gov.za |

**Amagosa eesistim zengcaciso:**

| ISITHILI | UMLAWULI WE-*CEMIS* WESITHILI | INOMBOLO YEFONI. | I-IMEYILI |
|---|---|---|---|
| Metro North | Masixole Stofile<br>Zintle Notununu | 021 938 3052<br>021 938 3101 | masixole.stofile@westerncape.gov.za<br>zintle.notununu@westerncape.gov.za |
| Metro Central | Anita McGrath<br>Tercia Southgate | 021 514 6751<br>021 514 6737 | anita.mcgrath@westerncape.gov.za<br>tercia.southgate@westerncape.gov.za |
| Metro South | Anastasia Rose<br>Sive Jara | 021 370 2120<br>021 370 2106 | anastasia.rose@westerncape.gov.za<br>sive.jara@westerncape.gov.za |
| Metro East | Buseka Ndinisa<br>Thembeka Dlamini | 021 900 7053<br>021 900 7011 | buseka.ndinisa@westerncape.gov.za<br>thembeka.dlamini@westerncape.gov.za |
| West Coast | Mervan Davids | 021 860 1596 | mervan.davids@westerncape.gov.za |
| Cape Winelands | Kevin van Eeden<br>Shamiel Abrahams | 023 348 0635<br>023 348 0655 | kevin.vaneeden@westerncape.gov.za<br>shamiel.abrahams@westerncape.gov.za |
| Overberg | Suzanne Braaf | 028 214 7411 | suzanne.braaf@westerncape.gov.za |

| | | | |
|---|---|---|---|
| Eden and<br>Central Karoo | Romelda Booysen<br>Keith Zibi | 044 803 8367<br>044 803 8346 | romelda.booysen@westerncape.gov.za<br>keith.zibi@westerncape.gov.za |

13. ISebe i*WCED* lilithakazelela kakhulu igalelo nokuzinikela kwawo onke amagosa emfundo yaye ijonge phambili kwintsebenziswano nani eqhubelekayo ngo-2019.

**ISAYINWE**: NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2019-08-19